sassa
SOUTH AFRICAN SOCIAL SECURITY AGENCY

Molweni Bantu Bakuthi

Njengorhulumente onenkathalo, siza kuqhubeka siyibhatala imali yezibonelelo zikarhulumente (inkam-nkam).

Qaphelani oku kulandelayo:

1. Amakhadi e-Arhente yeziBonelelo zezeNtlalo noMhlala-phantsi yoMzantsi Afrika (i-SASSA) aseza kusebenza kude kube ngumhla wama-31 kweyoMnga 2018.

2. Ukusuka ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi ukuya kowama-28 kweyoMsintsi 2018, iPosi, i-ofisi ka-SASSA ekufutshane nawe okanye enye indawo ekhethiweyo

Sisonke siqhubela uMzantsi Afrika phambili

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030 NDP

ziza kukwazi ukutshintsha eli khadi lakwa-SASSA unalo ngoku zikunike ikhadi elitsha.

3. Ungakhetha ukwamkela imali yakho yezibonelelo zikarhulumente ngekhadi lakho lika-SASSA okanye ebhankini kuquka naku-Postbank. Ukwamkeliswa kwemali yezibonelelo zikarhulumente ezindaweni ezifana nezikolo namaholo oluntu kuza kupheliswa ngokuhamba kwexesha.

4. Qhakamshelana noMsebenzi woPhuhliso loLuntu, iNkosi, uSibonda, uCeba, uMfundisi okanye uMshumayeli wasekuhlaleni ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe.

5. Jonga kumajelo eendaba ukuze ufumane ezinye iinkcukacha okanye utsalela umnxeba kwiZiko lemiBuzo lika-SASSA kule nombolo: 0800 60 10 11.

I-SASSA izimisele ukusebenzela uluntu.